
U VULINDLELA

XHOSA – Lost

# UKULAHLEKA




Ukulahleka phakathi kwihlathi elikhulu elinezilo ezoyikekayo ezibawayo, kunye nenyoka ezifileyo kuyothusa kakhlulu. Ukulahleka entlango apho kungekho manzi, kungekho ndlela, kungekho okukhangelayo, kungakhukhokelela ekufeni. Ukulahleka kwilwandle eliphakamileyo ungenayo ikhampasi, ungenakutya namanzi, ungenaziseyile, namandla okukhanda, nasikhuselo sobushushu okanye ingqele kubikakhulu. Ukulahleka ezintabeni eziphakamileyo ezigqunywe likhephu nomkhence kukufa okuyinene. Ukulahleka kwilizwe lesono kukuzithoba okugqithileyo kuba. ikukhokelela ekutshabalaleni komphefumlo, ekufeni okungunaphakade, nasesihogweni.

Umbhali wendumiso uthi "Ndilahlekile je ngemvu elahlekileyo" *Indumiso 119:176*. Izimvu zifuna ukwaluswa okanye zodibana nentshaba izilo eziqwengayo, iingonyama, iibere, kunye nengcuka.

Zifuna umalusi wenyaniso njengo Davide yena owabulala ingonyama nebere. Walangazelela ukulahla ubomi bakhe ngenxa yezimvu. Sifuna uYesu oyena uthembekileyo nonyanisekileyo umalusi, osele enikele ngobomi bakhe kuthi, osikhokelela kumadlelo aluhlaza nakumanzi enzonzo bila. UYesu wathi, "Ndingu Malusi olungileyo, ndiyazazi izimvu zam, zaye ezam izimvu ziyandazi.

Akwaneli nje izimvu ukuba zibe nomalusi. Umalusi makabe ngumalusi wenyaniso. UThixo wathi kuJeremiya "Abantu bam babe zizimvu ezilahlekileyo, Umalusi wazo wazibangela ukuba zilahleke *.Jeremiya 50:6, 7.* Ungalandeli umalusi olungele isiqu sakhe, umkhokeli oyingamfama yeemfama. Landela uYesu oweza kufuna nokusindisa abo balahlekileyo. Uya kufuna abo balahlekileyo ade abafumane.

Kwiminyaka emininzi edlulileyo ndadibana nabazingeli ababini emazantsi entshonalanga e-Afrika abakha ngelinye ixesha balahleka kwintlango yaseKalahari. Babehamba ngenqwelo etsalwa zimbongolo ezimashumi mabini besiya ngasentlango.

Bakuba befikile kunye nabafazi nabantwan babo kwintaba yokugqibela bazimisa intente zabo. Ukusuka apho amadoda amabini aya kuzingela inyamakazi. Ngenye imini bafumana imikhondo yemihlambi yamaxhama, abathe bawulandela. Lo mkhondo wabakhokhela enzulwini yentlango, xa kwakurhatyela owokuqala umzingeli wawabona amaxhama wadubula iqela lawo, waze wakhangela umhlobo wakhe. Ekudaneni kwakhe umzingeli wesibini akazange abuye (Walandela omnye umkhondo awayewulindele ukuba uya kumkhokhelela kwakulamhlambi umnye engakhange amxelele umhlobo wakhe) Wabuyela emva kwinduli yentlabathi awayethe wagqitha kuyo, ekhangela umzingeli, kodwa akazange abe nakumfumana. Xa wayefunisa, bavela ubumnyama waza. Walahlekwa ngumkhondo kwaphela. Wahamba ubusuku bonke ezama ukufumana imililo yenkampu enokumalathisa abuyele enkampini; kodwa akazange abe nakho. Wazingisa wahamba iyure ezingamashumi amathandathu anesine, wada wahlala phantsi ngenxa yokudinwa, elahlekile waza wafunyanwa nalunxano. Ilwimi lakhe ladumba lujinga emlonyeni wakhe. Wazifumana elahlekile kwaphela esifa ngenxa yonxamo kwintlabathi eshushu yasentlango wayengqengqile kulo meko yokufa waqala walila kuThixo efuna uncedo. Akazange abe nakho nokuthetha nalinye ilizwi elivakalayo lomthandazo kodwa uThixo okwaziyo ukubona intliziyo yomntu wakuva ukulila kwakhe kwentliziyo. Ngokukhawuleza lo mzingeli ufayo wabona kude umnqamlezo, apho emnqamlezweni kwaphuma intsholo yesililo isithi "Ndinxaniwe". Wayesazi ukuba lilizwi lika Yesu ewaye elalithetha emnqamlezweni. Lahamba kubo bonke ubomi, bakhe, ngokobomi bunika amandla akhawulezayo. Unxano lwakhe lwaphela xa wayecinga ukuba uYesu unyana kaThixo wanxanwa endaweni yakhe emnqamlezweni wase Kalvari. Ulwimi lwakhe lwayeka ukopha lwaphila.

Wema ngokupheleleyo epholile. Konke ukudinwa nokukhathala kuphelile. Wambulela uThixo emnqamlezweni uYesu wanxanwa endaweni yakhe ukuze abe nobomi obupheleleyo. Wambulela uThixo ngentliziyo yakhe yonke ngokudibana naye ngendlela engumangaliso kangaka. Wakhangela jikelele emangalisiwe, ukuba aye ngaphina ukuze afumane abantu bakhe. Ekhangela jikelele wa bona ekumangalisweni kwakhe isandla esihle somntu sishukuma esithubeni malunga nenyawo ezine ukusuka emhlabeni sikhombe ngomnwe omnye phambili. Njengoko wasondela kuwo emangalisiwe eso sandla wayesibona sasisesokwenyani; sashukuma ngaphambili kwakhe. "Sisandla sikaThixo esinomnwe kaThixo" watsho njengoko wasilandelayo iyure ezimashumi mabini.

Ngalo lonke exesha ehamba nesandla sasihamba ngaphambili kwakhe, xa esima nesandla sasisima naso. Ekugqibeleni isandla sema phezu kwentaba enamanzi abandayo. Wasela lada laphela unxano lwakhe. Njengoko wayekhangele phezulu ecinga ukuba isandla sisithele, wabona ngasemva kwentatyana ezikufuphi zentlabathi, itente zekampu zabo.

Ekufikeni ezintenteni wafumana abantu bakhe bemthandazela ukuba uThixo ambuyise esaphila. Wamfumana omnye umzingeli ethandaza naye. UThixo naye wayembuyisele entsapheni ya-

khe ngendlela engabalisekiyo xa wayelahlekile. Ethe walandela umkhondo ongenguwo wazifumana elahlekile entlango ezula ubusuku bonke efuna kabuhlungu ikampu. Ekuzeni kokusa wabona, ekumangalisweni kwakhe unyana wakhe ominyaka isibhozo egoba kuye kwinduli ekufuphi. Wamangaliswa ukuba lenkwenkwana ihambe umhlaba ongaka. Noxa umkhondo wenyawo zenkwenkwe wawu ngabonakali. Umbono wawucacile ukuba wayesuka kwenye induli, yahamba yanqumla induli ezintandathu zesanti. Ekufumaneni eyesixhenxe apho, inkwenkwena yayibulisa ngokushukumisa isandla, wayenako ukubona cace intente zekampu.

Wazifumana ngokwakhe ecaleni lebhedi yonyana wakhe owayelele ezolile. Wayeqonda ukuba uThixo usebenzise umbono wokumzisa ekusindeni.

Emva koko singabazingeli, sizingela izinto zelihlabathi, ubutyebi balo bubalulekile, bunolonwabo, nemali, iziyolo, impumelelo nezinye izinto ezininzi, kungoko silibalayo ukubufuna ubukumkani bukaThixo kuqala, nobuqaqawuli babo. Silahleke kwimimoya yasentlango yelilizwe. Imiphefumlo yethu inxanelwe uThixo, uThixo ophilayo side sikhale kuye sesingenathemba, ade uYesu aziswe kuthi njengomthombo wobomi. Wathi uYesu,"Ndize ukuze ndifune ndisindise abo balahlekileyo". Ufuna izimvu ezilahlekileyo ade abe nokuzifumana. Ufuna wena nam. Ilahleka njani imvu? Ngokulanga zelela oko kungafanelekanga, ngokungaligcini ubizo lomalusi, ngokushiyekelela ngasemva xa umalusi nezimvu zakhe behamba, zimamela kwilizwi labakhohlisi okanye ngokubalekela kude kumalusi izifunele eyayo indawo yokudlela.

Walahleka njanina unyana wolahleko? Wanqwenela iziyolo zezono zelihlabathi. Wayengenambulelo kuYise, wayenomoya wokuthanda imali eyingcambu yako konke okubi. Uthixo wehlabathi wawamfamekisa amehlo akhe, ukuze angabi naku zibona yena qho. Kodwa ngokuqinisekileyo wayetsalela phakathi kolunzulu udaka lwesono, kude no Thixo nakuyise wakhe omithandazo yamlandelayo. Xa wayesalusa impahla imihlambi yehagu esifa nayindlala, wavuka koko kungafaneleki kwakhe.Wazishiya ihagu nenkosi yakhe enobubi eyayingamvumeli noba azalise isisu sakhe esingenanto ngengxam zadliwa zihagu. Waya kuyise wathi, "Ndonile kuwo amazulu (Thixo) nasebusweni bakho, andisafanele ukubizwa njengonyana wakho."

Akazange agxeke mntu kodwa wazigxeka yena ngokwakhe esithi"Ndonile" *Luka 15:11-32.*

UYise othandekayo wamamkela ekhayeni lakhe esithi "Lo ngunyana wam obefile (ngokomoya) ubuye wavuka kwakhona ubelahlekile wabuya wafunyanwa

UYesu wathi umfazi onamacwecwe alishumi esilivere aze alahlekelwe lelinye akalumeki na ikandlela atshayele indlu aze afune ngenyameko ade ayifumane aze xa eyifumene abize abahlobo bakhe bonke ndawonye athi "Vuyisanani nam ngokuba ndilifumene icwecwe ebelilahlekile". Akukho mntu owayenakho ukugxeka icwecwe leSilivere elaye lilahlekile. UMariya noJosefu balahla uYesu etempileni eJerusalem baza bamfuna intsuku ezintathu bade bamfumana. Amawaka abantu benkonzo abathembekileyo basalahlekile nangoku ngobume bukaKrestu.Abazange bamfumane ngenyaniso,bengazange bazalwangokutsha ngokwelizwi nango Moya Oyingcwele, ngokwamkela uYesu njengo Msindisi wabantu. Balahlekile ngokunxulumene nobukumkani bukaThixo, kuba uYesu wathi, "Guqukani ngokuba ubukumkani bukaThixo busondele." "Ngaphandle kokuba umntu azalwe ngokutsha akanakungena ebukumkanini bukaThixo" Khumbula uYesu usafuna ukusindisa abo balahlekileyo. Uyakufuna wena okokuba uyamfuna uya kufumana obonabomi bokonwaba. Ingenzeka ukuba ululahlile uxolo, ubunyulu bakho, uvuyo lwakho lokuxolelwa kwezono, ubungqina bakho phambi koThixo nomntu. Funa ude ubufumane kuYesu. Kungenzeka ukuba ulahle impilo yakho, ubume bakho, umsebenzi wakho, ingeniso yakho okanye imali yakho. Zisa ingxaki zakho, inkathazeko yakho eNkosini enokususa zonke inkathazo zakho nokuba zinjanina. Kodwa khumbula, "Lowo ufuna ubomi bakhe uyakulahlekwa bubo, lowo uthi abuncame ubomi bakhe kuKrestu uyakubuzuza. Ungalizuza lonke ihlabathi uze ulahlekwe ngumphefumlo wakho olixabiso elikhulu ngaphezu kobutyebi behlabathi.

Sonke ngabanye singanalo ulwamkelo asinathemba kwaphela, salahleka ngenxa yezono zethu yaye inyaniso ayikho kuthi "Ukuba sithi asonanga simenza ixoki yaye ilizwi lakhe alikho kuthi" *I Johane 1: 8 , 10.*

Akukho namnye kuthi ofuna ukuhlala kulomeko yolahleko, kuba unyana Womntu uze ukuze afune asindise abo balahlekile *Luka 19:10*. Inkosi ikufuphi kuwe, ukuba uthe wamfuna uya kumfumana, kodwa kufuneka wenze ngoku "Funani uYehova esenokufunameka, mbizeni esekufuphi, *Isaya 55:6*. Kukho into enye eqinisekileyo, yinto yokuba umfuni ongumsindisi nomfuni ongumoni bakusoloka bebonana omnye nomnye. "Ukuba ufuna yena uya kumfumana *Matewu 7:7*. Xa uthe wabufumana wabukhusela ubomi bakho, imvume yakho, nobomi bakho ezandleni zakhe, ngoko yena, umalusi olungileyo wezimvu uya kukhokhelela emarhiweni aluhlaza nakubomi obungunaphakade.

Nina balahlekileyo mbizeni ngoku. Musani ukuthandabuza kuba "Lowo uthe wazibiza ngegama leNkosi uya kusindiswa *Izenzo 2:21*.

# PHUMANI


Phumani kwizilawulo zomhlaba nesono. Phumani ekulawuleni kuka sathana. UYesu ungukumkani wezikumkani uyiNkosi yenkosi. Ubukumkani bobumnyama buyoyiswa nguYesu, iNkosi yokukhanya neNkosi yoxolo. Phumani ebukhobokeni besono, ubukhoboka bukasathana. UYesu uze ukuze anikhulule. Ulihlawule ixabiso lentlawulo emthini weKalvari. Wafela nina ukuze nikhululeke.

Phumani ebukhobokeni boloyiko, uloyiko lokufa athe ngalo usathana wanibeka kwimbophelelo zonke intsuku zobomi benu. UYesu woyisa isono nokufa, wenza isifundiso esibonakalayo emnqamlezweni; apho wafela khona wena nam. Wangena ebukumkanini bokufa waza wakoyisa ukufa. Wavuka engcwabeni ukuze aphile ngonaphakade. Siphila ngenxa yokuba ephila yena. Sibethelelwe safa ehlabathini; isono ngokwaso kuba uYesu wabethelelwa wafa ezikhundleni zethu. Kodwa wavukela uloyiso lwethu ukuze sithi ngaye sibe nobomi obungunaphakade.

Usathana owaye efudula eyingelosi ekhuselayo owaye eyingelosi ekhangela eli hlabathi, waziphakamisa yena ngaphezu koThixo wathi "Ndiya kufikelela kwindawo eziphakamileyo zamafu ndiya kuba nje ngophakame kakhulu." Kodwa wathi uThixo "Uya kusiwa ezantsi esihogweni emacaleni omngxunya *Isaya 14:12-16*.

Usathana uthixo nenkosi yelihlabathi woyisiwe. Akasenakho ukuwaphatha okanye ukulawula amakhoboka akhe, ngaphandle kokuba amthobele ngokwawo kungegunya lawo.

UThixo usixelela ukuba siphume phantsi kolawulo lwesono no sathana. Wamonyula uYesu obe ngumlawuli wabantu neNkosi yabo bonke. Ngoko ke phumani phakathi kwabo nibe ngabahluliweyo, utsho uYehova *2 Kor. 6:17*.



If you have found salvation in Christ, or have been otherwise blessed through our Gospel literature, please let us know. We would like to thank God with you, and remember you further in our prayers.

For **free** Gospel literature, books and tracts in over 540 languages, write to:

**E-MAIL: info@angp.co.za**

**ALL NATIONS GOSPEL PUBLISHERS**

**P.O. Box 2191, PRETORIA, 0001, R.S.A.**

(A Gospel Literature Mission financed by donations)

(Reg. No. 1961/001798/08)